

UTito nabahlobo bakhe babephandle ebusuku. Babezonwabele. Ngesiqụphe, babona ukukhanya okunje ngeentlantsi zomlilo emoyeni.

Kwakukho ukukhanya okuqạqambileyo kwezinto ezincinane, zidanyaza kwindawo yonke ababekuyo.



Bakhanyisa iithotshi zabo, bezama ukubona ukuba ezi ntlantsi zivela phi na.

“Ingathi kusephupheni. Ingaba okwaa kukhanya kokwenyaniso? Zintoni ezi?” wabuza uTito.

“Mhlawumbi zizidalwa zemilingo,” watsho uNomalanga.



Ezi zidalwa zenza ukukhanya yayizizinambuzane.

Aba bahlobo baqala ngoku ukuleqa ezi nkanyezi, bezama ukuzibamba.

Babefuna ukuzijongela kufutshane ezi zinambuzane.



UTito wakwazi ukubamba izinambuzane ezimbalwa wazifaka ebhotileni.

“Zintoni amagama azo?” wabuza uSizwe, ejonga ebhotileni.


“Zikwenza njani okwaa kukhanya?” wabuza uTito.



“Esa sinambuzane yinkanyezi. Kwaye asiyompukane, nguqongqothwane,” watsho usisi kaTito omdala, uGcina.


“Ukukhanya kuvela emzimbeni wesi sinambuzane,” watsho.

“Ndafunda ngeenkanyezi esikolweni!” wongeza.



Inkanyezi ibuqala ubomi bayo ngokuba liqanda ekuthiwa yilava, ize iqandusele kwelo qanda. Iinkanyezi zobukhomokazi zibeka amaqanda azo emhlabeni.

La maqanda aqandusela phantsi komhlaba. La maqanda akhula abe ngooqongqothwane. Aba qongqothwane baphuma phantsi komhlaba beneempiko.



Olunye uhlobo lweenkanyezi lusebenzisa uphawu oluthile lwekhemikhali ukutsala amaqabane azo.

Umzimba wenkanyezi wenza ikhemikhali eyenza ukuba umzimba wayo ukhazimle. Zezi khemikhali ezenza ukukhanya. Ezi zinambuzane zikhangela oku kukhanya ukuze zifumane ezinye.



“Kowu unolwazi oluninzi!” watsho uTito kusisi wakhe.

UGcina waphendula, “Ndazi yonke into. Ngoku lixesha lokuya kulala, masiziyeke iinkanyezi zibhabhe.”

UTito wazivulela iinkanyezi ezikhazimlayo ukuba ziphume ebhotileni, zibhabhe kubusuku.